

UDavide Uba Nesibindi

1 SAMUWELI ISAHLUKO 17

AMASIRAYELI **AYENEMFAZWE** NAMAFILISTI. **UDAVIDE WAYENGU-MALUSI**. KODWA ABANYE BABAKHULUWA BAKHE YAYINGAMAJONI, NGENXA YOKO WATHUNYELWA UKUBA ABAJONGE.



UMKHULUWA KADAVIDE WABA **NOMSINDO**.



AMAJONI ASA UDAVIDE
KUKUMKANI USAWULE.

NDIZA KUYA
NDIYOKULWA
NOMFILISTI.

UYINKWENKWE
NJE WENA. UGOLIYATI
EBELJONI KANGANGE-
MINYAKA EMININZI!

KODWA NDALWA
NENGONYAMA
NEBHERE
NDIKHUSELA
IIGUSHA ZETHU.

KULUNGILE.
MAJONI NIKANI
LE NKWENKWE
ISIKRWEQE.

ANDIKWAZI
KUHAMBA.

ANDISIDINGI
ESI SIKRWEQE.

U**DAVIDE** WATHATHA ISILINGI,
WAYA ENTLANJENI WAZA
WAKHETHA AWONA **MATYE**
AGUDILEYO AMAHLANU.


UYEHOVA
WANDIHLANGULA
KWINGONYAMA
NAKWIBHERE. **UZA**
KUNDIHLANGULA
NAKUGOLIYATI.

U**DAVIDE** NOGOLIYATI BAYA
ENTILINI KAE**LAHA**.

NDIYINJA NA,
UKUBA UZE KUM
UNEENTONGA?
UZA KUDLIWA
ZINTAKA KWEDINI.

UZA KUM **UNEKRELE**
NOMKHONTO
NENTSHUNTSHE,
KODWA MNA NDIZA KUWE
NGEGAMA LIKAYEHOVA.





ETHEMBELE NGOYEHova, UDAVIDE
WABALEKA NGOKUKHAWULEZA
UKUYA NGAKUGOLIYATI.



NGELITYE NESILINGI WABETHA
UGOLIYATI EBUNZI.

INGXILIMBELA YAWA Yafa IBE
EKUGQIBELENI AMASIRAYELI AWOYISA
AMAFILISTI. EMVA KWEMINYAKA
EMININZI, UDAVIDE WABA NGUKUMKANI.

**YINTONI ESIYIFUNDAYO KWELI
BALI?**

KWAKUTHENI UKUZE ABANYE
BANGAMTHEMBI UDAVIDE?

INTLUVA: 1 SAMUWELI 17:13, 14, 33, 42.

KWAKUTHENI UKUZE UDAVIDE ABE
NETHEMBA LOKUBA **ANGAMOYISA**
UGOLIYATI?

INTLUVA: 1 SAMUWELI 16:1, 13; 17:37,
45-47.

KUTHENI **UNOKUBA** NESIBINDI
SOKWENZA INTO EFANELEKILEYO?

INTLUVA: INDUMISO 91:11; HEBHERE
13:6.